## SOKUVAVANYA IIMVIWO ZEBANGA LESI-12

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

ISIKHOKELO SOKUVAVANYA: IIMVIWO ZEBANGA LESI-12
KUNYAKA WE-2008
ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA: IPHEPHA LESIBINI: UNCWADI

Esi sikhokelo sisekwe kwiNkcazelo yeKharityulam yeSizwe kwakunye nesiKhokelo sokuvavanya sonyaka wama-2008 samabanga ukusuka kwele-10 ukuya kwele-12.Eminye imisebenzi yonyaka emiselweyo engqamene neli phepha kufuneka ithathwe kwakwesi sikhokelo ilandelwe.

IPHEPHA LIMISELWE UKUBA LIMILE NGOLU HLOBO .

| Iphepha | | Ubude bempendulo | Amanqaku ombuzo | Ewonke | Ixesha lephepha |
|---|---|---|---|---|---|
| Iphepha lesibini: uncwadi | **Icandelo A: Isihobe**:<br>Phendula imibuzo **<u>EMITHATHU</u>**<br>1.**Owokuqala** uwukhetha kwisibini esibuzwe **kumbongo ongafundiswanga** ( **unseen poem**)eklasini. Omnye wayo usekwe kumxholo uze omnye ulindele impendulo esisincoko | 190-240 amagama kwisincoko | 10 | 30 | 2½ leeyure |
| | **Owesibini nowesithathu:** Uwukhetha **kwisine semibongo efundisiweyo**.(**Seen** Apha ke ukhetha osekwe kumxholo okanye osisincoko.Kodwa ke akuvumelekanga ukukhetha udidi olunye lombuzo kwesi sibini seempendulo<br>**UMFUNDI UKHETHA PHAKATHI KWESINCOKO NOMBUZO OSEKWE KUMXHOLO(contextual/texual/essay)** | 190-240 amagama kwisincoko | 10 kumbuzo wombongo ngamnye.<br><br>10 X 2=20 | | |
| | **Icandelo B: INOVELI:**<br>Umfundi uphendula umbuzo omnye kwemibini – UMBUZO OSEKWE KUMXHOLO KWAKUNYE NOMBUZO OLINDELE IMPENDULO ESISINCOKO(contextual/essay) | 340-390 amagama amagama kwisincoko | 25 kumbuzo ngamnye | 25 | |
| | **ICANDELO C:IDRAMA**<br>Khetha ube mnye phakathi kwale mibuzo ingezantsi<br>UMBUZO OSEKWE KUMXHOLO KWAKUNYE NOMBUZO OLINDELE IMPENDULO ESISINCOKO(contextual/essay) | 340-390 amagama amagama kwisincoko | 25 kumbuzo ngamnye | 25 | |
| | AMANQAKU EWONKE | | | 80 | |
| **Kwicandelo B no C umfundi makakhethe imibuzo emibini engafaniyo. Okt ukuba ukhethe osisincoko ku-B(essay) kulindeleke ukuba akhethe osekwe kumxholo ku-C(contextual)**. | | | | | |

**ICANDELO A: ISIHOBE**

| AWESELWA | | | | |
|---|---|---|---|---|
| UMBUZO | Umbongo | Uhlobo lombuzo | | |
| 1 | Umbongo ongafundiswanga **EKUNYANZELEKILE UKUKA UMFUNDI AWUPHENDULE.** | OSEKWE KUMXHOLO | Phendula isincoko okanye osisincoko | UPHENDULA OMNYE kuphela |
| 2 | Umbongo ongafundiswanga **EKUNYANZELEKILE UKUKA UMFUNDI AWUPHENDULE** | OSISINCOKO | | |
| 3 | Umbongo ofundisiweyo | Osekwe kumxholo | Phendula isincoko okanye osisincoko | Phendula imibuzo emibini kuphela |
| 4 | Umbongo ofundisiweyo | Osisincoko | | |
| 5 | Umbongo ofundisiweyo | Osekwe kumxholo | | |
| | | | | |
| 6 | Umbongo ofundisiweyo | Osisincoko | | |
| **Phendula imibuzo emifutshane okanye omde** | | | | |

**ICANDELO B: INOVELI**

| **INCWADI: AKUSEKHO KONWABA** | | |
|---|---|---|
| **UMBUZO** | **Uhlobo lombuzo** | |
| **7** | Osekwe kumxholo | **UPHENDULA OMNYE** kuphela kwesi sibini **KODWA INGABI NGULO AWUKHETHE NGEZANTSI KU-C** |
| **8** | Osisincoko | |

**ICANDELO C: IDRAMA**

| **INCWADI: UThembisa noMakhaya** | | |
|---|---|---|
| **UMBUZO** | **Uhlobo lombuzo** | |
| **9** | Osekwe kumxholo | **UPHENDULA OMNYE** kuphela kwesi sibini **KODWA INGABI NGULO UWUKHETHE NGENTLA KU-B** |
| **10** | Osisincoko | |

**IZIPHUMO ZOKUFUNDA ZOLWMI LWASEKHAYA, IMIGANGATHO YOKUHLOLA ESISIKHOKELO, ULWAZI ALUFUMENEYO, INDLELA ALUSEBENZISA NGAYO OLU LWAZI KWAKUNYE NEZINTO EKULINDELEKE UKUBA ABONAKALISE UKUZIXABISA UMFUNDI NJENGOMMI WELI KWELI PHEPHA.**

| Isiphumo sokufunda | | Umgangatho wokuhlola | Ulwazi, ubuchule kwakunye nezinto azixabisileyo |
|---|---|---|---|
| UKUFUNDA NOKULOLONGA: Umfundi uyakwazi ukufunda nokulolonga ngenjongo yokuqonda nokukhangela ngeliso elibukhali, esabela kuluhlu olubanzi lweetekisi | | **GH 2.4** Phononongo , aze ahluze iimpawu eziphambili zeetekisi ,echaza kananjalo nendlela eziphuhlisa ngayo intsingiselo( ezi(*mpawu akufuneki zisetyenziswe zizimele zodwa*) | Abafundi **mabaphonononge iimpawu** zenoveli bacacise nendlela ezi mpawu eziphuhlisa ngayo intsingiselo yenoveli.(Ibali elide, libaliswa kwixesha elidluleyo, …abalinganiswa banako ukuzithethela kodwa oko kufakwe kwiimpawu zocaphulo senzwa njani isimo sentlalo apha? Umbhali uyabathethela ngokwakhe njalo njalo) |
| | **INOVELI** | **GH 2.4.3** Cazulula ukukhula kwesakhiwo sebali, isakhiwana sebali, impixano, abalinganiswa kunye nendima edlalwa ngumbalisi apho kufaneleke khona. | Abafundi **bacazululal**ndima edlalwe ngumbalisi ekwakhiweni kwezi zinto zilandelayo:<br>Iploti:<br><br>Impixano:<br><br>Abalinganiswa: Oyintloko, umchasi,bakhiwe njani ngumbhali ukuze baphuhlise ntoni,cacisa nabalinganiswa abanzelwe nje ukuphuhlisa izinto ezithile kweli bali |
| | | **GH 2.4.4** Fumana intsingiselo aze ahluze imiyalezo kunye nemixholo aze ayinxulumanise nezicatshulwa ezikhethiweyo kwitekisi iphela. | Makafumane , acacise injongo yenoveli ukuyifezekisa kwakhe umbhali,izixhobo azisebenzisileyo ukuyiphuhlisa.<br>Ahluze umyalezo, ukuphuhla kwawo kwakunye nentsingiselo yebali eli kubomi bakhe jikelele. |
| | | **GH 2.4.5** Hluza indlela imvelaphi kunye nemo-ntlalo ezinxulumene ngayo nomlinganiswa kunye/okanye nomxholo. | Isimo sentlalo sinxulumana njani nomlinganiswa ngokwesakhono sombhali. |
| | | **GH 2.4.6** Fumana intsingiselo yemo yomphefumlo wombhali ukuhambelana kweziganeko ngokwamaxesha, ukuphanjwa yindlela izinto ezisuke zahamba ngayo bekungalindelekanga ngolo hlobo kunye nesiphelo | Imo yomphefumlo wombhali ngokungqamene nomyalezo.indlela ayiphuhlise ngayo le mo, amagama awakhethele oku njalo njalo. |
| | **ISIHOBE** | **GH 2.4.7** Cazulula indlela ukhetho-magama, imifanekiso ntelekelelo kunye nezixhobo zesandi eziyiphembelela ngayo imo yomphefumlo wembongi, intsingiselo kunye nomxholo | Cazulula ubuchule bombhali bokukhetha amagama , imifanekiso ntelekelelelo, izixhobo zesandi<br>Ziphembelela<br>• imo yomphefumlo wembongi,<br>• intsingiselo yombongo<br>• umxholo |

| | | | |
|---|---|---|---|
| | | **GH 2.4.8** Chaza indlela umqolo kunye nokwakheka kwesitanza , imvano-siphelo, isingqisho kunye nokusebenzisa iziphumlisi,okuyiphembelela ngayo intsingiselo. | Ukwakheka kombongo<br>• istanza<br>• umqolo<br>• imvano siphelo<br>• isingqisho<br>• iziphumlisi ziphembelela intsingiselo yombongo. |
| | | **GH 2.2.7** Cazulula ifuthe loluhlu olubanzi lwezixhobo ezizekelisayo ezidlwengula umxhelo kwakunye nezoncwadi ezinjengezikweko, isifaniso, isimntwiso, isinxulumaniso,isifanadumo,umqondiso, ukudlala ngamagama, ukuchaza into ngokuyinciphisa, ubuqili, umbabazo, inkcaso, impoxo, umfanekiso wokuhlekisa ngomlinganiswa ngendlela ebaxayo, isigqebelo, uburharha, uvumephika, impikiswano, uchasaniso, inkcaso-vuthondaba,uvuthondaba,isihlonipho nesiqaqambisi ukunika intsingiselo kwitekisi | **Cazulula ifuthe lezi zixhobo ukuphuhlisa iinjongo zembongi kawkunye nentsingiselo yombongo**<br>• Isikweko, isifaniso, isimntwiso<br>• Isinxulumaniso, isifanadumo, umqondiso<br>• Ukudlala ngamagama, ukuchaza into ngokuyinciphisa<br>• Ubuqili,umbabazo, uchasaniso,impoxo<br>• isigqebelo |
| | | **GH 2.2 8** Hluza intelekelelo nezigqibo zombhali aze azithelekise nezakhe | Ukuhluza intelekelelo yombhali<br>Ukuhluza izigqibo zombhali<br>Ukucazulula iimbono zombhali<br>Ngobungqina obuxhasayo obuchongwa kumbongo lowo |
| | | **GH 2.2.5** Cazulula iimbono zombhali /zombalisi/zomlinganiswa aze anike ubungqina obuqinisekisayo nobuxhasayo obuvela kwiitekisi | |
| | | **GH 2.2.10** nika aze azixhase kwimpendulo yakhe ayinikileyo kwitekisi. | |
| | **IDRAMA** | **GH 2.4.10** Hluza isakhiwo sebali, isakhiwana sebali ukubunjwa kwabalinganiswa, impixano injongo yedrama kunye nesigqebelo | • Indlela owakhiwa ngayo umdlalo/iimpawu zawo nezokubhalwa.<br>• Sakhiwa njani isimo sentlalo kumdlalo<br>• Iploti<br>• Indlela abakhe ngayo abalinganiswa bakhe umbhali<br>• Impixano<br>• Isigqebelo<br>• Intlekele/isiyoliso/intlekele-siyoliso |
| | | **GH 2.4.11** Fumana intsingiselo, aze achaze ,ahluze isakhiwo sedrama , kunye nemiyalelo yaseqongeni | |
| Kuzo zonke ezi tekisi umfundi kufuneka abonakalise<br>GH2.2 ngokuhluza intsingiselo yoluhlu olubanzi lweetekisi ezibhalwayo, ezibonwayo neziviwa-zibonwa | | | |
| | | **GH 2.2.1** Fumana ulwazi olufanelekileyo kunye nenkcukacha kwiitekisi | |
| | | **Gh 2.2.3** Ahlula phakathi kwenyani noluvo ezixhasa ngempendulo yakhe | Ahlula phakathi kwenyani noluvo ezixhasa ngempendulo yakhe |
| | | **GH 2.2.5** Cazulula iimbono zombhali /zombalisi/zomlinganiswa aze anike ubungqina obuqinisekisayo nobuxhasayo obuvela kwiitekisi | Cazulula imbono<br>• zombhali, zombalisi,zomlinganiswa<br>• azixhase ngobungqina abuthatha kumdlalo lowo |
| | | **GH2.2.6** Cazulula aze achaze imvelaphi yezentlalo nezepolitiki kunye nezenkcubeko kwiitekisi | Cazulula ifuthe<br>• lezentlalo nezenkcubeko ekwakhekeni komdlalo<br>• azixhase ngobungqina abuthatha kumdlalo lowo |
| | | **GH 2.2.7** Cazulula ifuthe loluhlu olubanzi lwezixhobo ezizekelisayo ezidlwengula umxhelo kwakunye nezoncwadi ezinjengezikweko, isifaniso, isimntwiso, isinxulumaniso,isifanadumo,umqondiso, ukudlala ngamagama, ukuchaza into ngokuyinciphisa, ubuqili, umbabazo, inkcaso, impoxo, umfanekiso wokuhlekisa ngomlinganiswa ngendlela ebaxayo, isigqebelo, uburharha, uvumephika, impikiswano, uchasaniso, inkcaso-vuthondaba,uvuthondaba,isihlonipho nesiqaqambisi ukunika intsingiselo kwitekisi | **Cazulula ifuthe lezi zixhobo ukuphuhlisa iinjongo zembongi kawkunye nentsingiselo yombongo**<br>• Isikweko, isifaniso, isimntwiso<br>• Isinxulumaniso, isifanadumo, umqondiso<br>• Ukudlala ngamagama, ukuchaza into ngokuyinciphisa<br>• Ubuqili,umbabazo, uchasaniso,impoxo<br>• Isigqebelo<br>• Uburharha,inkcaso-vuthondaba,uvuthondaba,isihlonipho<br>• Umfanekiso wokuhlekisa ngomlinganiswa othile. |
| | | **GH 2.2 8** Hluza intelekelelo nezigqibo zombhali aze azithelekise nezakhe | Ukuhluza intelekelelo yombhali<br>Ukuhluza izigqibo zombhali<br>Ukucazulula iimbono zombhali<br>Ngobungqina obuxhasayo obuchongwa kumbongo lowo |
| | | **GH 2.2.10** nika aze azixhase kwimpendulo yakhe ayinikileyo kwitekisi. | |

| | | | |
|---|---|---|---|
| GH 2.3 Hluza indlela uulwimi kunye nemifanekiso enokuthi ibonise okanye ilungelelanise ngayo izinto ezixabisekileyo nendlela ozijonga ngayo izinto kwiiitekisi: | | | |
| | | **Gh 2.3.1** Hluza izinto ezixabisekileyo neendlela ozijonga ngayo izinto kunye neenkolelo zezentlalo nezenkcubeko nezepolitiki ngokubhekiselele kwindlela abantu abacinga ngayo malunga nesini, udidi, ubudala, ubunganga, amalungelo abantu, uqukaniso, neemeko zokusingqongileyo. | Bayahluza, bachonga isigama esikhethiweyo ukuvelisa umoya,isimo sentlalo umyalezo malunga<br>• Ezenkolelo, ezentlalo, ezepolitiki,ezenkcubeko<br>• Nesini<br>• udidi, ubudala, ubunganga,<br>• amalungelo abantu, uqukaniso,<br>• neemeko zokusingqongileyo.<br>• Umtsalane othambekele ecaleni<br>• Ukuqal'ugwebe,ucalucalulo njalo njalo. |
| | | **GH 2.3.2** Cazulula imeko yomtsalane othambekele ecaleni, ukuqal'ugwebe nocalucalulo oluvezwe kwiitekisi, neendlela eziyiphembelela ngayo intsingiselo | |
| Ukubhala: | | | |
| IMIGANGATHO YOKUHLOLA: Bonisa ukusetyenziswa kobugcisa nobuchule bokubhala obukumgangatho phezulu xa esenza iidrafti zokuqala. | | | |
| Ukubhala nokunikezela: Umfundi uyakwazi ukubhala nokunikezela ngakubhalileyo ngokoluhlu olubanzi lweenjongo, nabantu | | **GH 3.2.4** Sebenzisa iintlobo ngeentlobo zezivakalisi zezivakalisi ezibude kwanezakhiwo zazo ezahlukeneyo ngenjongo yokuveza impembelelo ethile. | Ukusebenzisa<br>• Ubude obahlukileyo bezivakalisi ngendlela efaneklekileyo<br>• Isakhiwo semihlathi esifanelekileyo<br>• Isimbo sokubhala kuquka ukukhetha kusetyenziswe ngokufanelekileyo izigaba zentetho, isigama ubude<br>• Upelo , iziphumlisi,iimpawu zocaphulo<br>• nosetyenziso lwesigama esifanelekileyo soncwadi |
| | | **GH 3.2.5** Sebenzisa imigaqo yokubhala imihlathi ngokuchanekileyo, ukuqinisekisa ukuhambelana kwezimvo ,ngokusebenzisa izivakalisi eziyintloko, intshayelelo, kunye nesiphelo, ukulandelelana kwemihlathi ngendlela eqiqisisiweyo nebonisa isizathu nesiphumo,uthelekiso nochasaniso | |
| | | **GH 3.2.5** Sebenzisa izihlanganisi, izivumelanisi, izimelabizo, izihlomelo, ukuqinisekisa ukunamathelana kwezimvo. | |
| Le migangatho yokuhlola akufunekanga ibuzwe ingoomthuzimele koko kufuneka isetyenziswe ngendlal ezibonakalisa ukuthungelana kwezi ziphumo zokufunda. | | | |

**IMIXHOLO ENOKUSETYENZISWA NGABAVAVANYI EKUBUZENI IMIBUZO**

**ISIHOBE**

- Isihloko nentsingiselo yaso.
- Imifanekiso ngqondweni
- Ukusetyenziswa kwesigama
- Izafobe njl njl

**IDRAMA**

- Umxholo wencwadi

- Isakhiwo(intshayelelo ,impixano, uvuthondaba/uyondelelwano lwebali, ukujiya kweziganeko ,isiphelo
- Abalinganiswa (ukwakhiwa kwabo nenxaxheba yabo encwadini)
- Ulwimi olusetyenzisiweyo nendlela olusetyenziswe ngayo njl njl.

**INOVELI**

- Umxholo wencwadi
- Isakhiwo(intshayelelo ,impixano, uvuthondaba/uyondelelwano lwebali, ukujiya kweziganeko ,isiphelo
- Abalinganiswa (ukwakhiwa kwabo nenxaxheba yabo encwadini)
- Isimbolism
- Ulwimi olusetyenzisiweyo nendlela olusetyenziswe ngayonjl njl.